

IMVO ZABANTSUNDU

NATIVE OPINION

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.]

IXABISO 3d.]

[LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, MARCH 24, 1886.

[No. 73.

MAMFENGU! MAMFENGU!

PAULANI OKU!

Lo ugama lingezantsi unika

Amaxabiso apezulu ngo Boya,

Zenkomo nempahla emfutshane,

Kwivenkile zake ezise

MBIZA, e Mtwaku nase Lu-
xwesweni kwa BLAYI

Into eyimpahla yevenkile itengiswa ngamaxabiso apantsi xa itengwa ngemali kuzo zonke ezindawo.

Kwakona kwivenkile yakwa Blayi utengisa IGUSHA ezi 600, NENKOMO ezi 50.

THOS. MORIARTY.

Blyth Station, Fingoland.

2tc

H. B. M. HOWARD,

Umteteleli Kwinkundla Yamatyala,

Umlungiseleli wetaitile nokwahiwa kwamafa.

Uguqula itaitile.

Uligosa Lebandla elincedisa ngemali ekutsheni kwezindlu nokuxaswa komntu ebudaleni, lase Kapa.

C. MUSGROVE,

OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU,

Kwindlu Ekangelene no W. O. CARTER & CO.,

E QONCE

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye

ISAZISO u AMOS THOMAS,

UYAZISA UKUBA UVULE

Ikaya Labantsundu, e-Qonce

E Smith Street, ngezantsi ko Mr. E. J. BOXALL.

APO wonke ubani ayakufumana amalungelo ezixaso nendawo yokulala. Ubiza amanani alula Kuko isitali esihle, nomgcini mabashe uhleli eliudele. Metshe, Rahambi kanize nipose amehlo apa bo

King Williams'aTown, 10th November, 1885.

AMOS THOMAS

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo.
1/6 ibotile.

Elika
COOK Iyeza Lokukohlela
(Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka
COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile.

Elika
Iyeza Lepala.
1/6 ibotile.

Ezika;
COOK Ipils.
1/ ngebokisana.

Eka
COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.
Oka

Umciza Westepu Sabantwana.
6d ngebotile.
Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d
ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu
G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

KWA G. WHITAKER, kwi-
venkile etengela nentwana
ezincinane kuko, kutengelwa tshipu
kanye Umbona, nento ezinjalo,
Umgubo, neswekile njalo-njalo, njalo-
njalo.

Kukululekile.

Asibizi 'Nto

Ngokuba ubani eze kubona Amabala ngamabala amahle e

Mpahla enxitywayo
I Qiya ezintsha
Izihlangu ze Lastike
Izihlangu ezibotshwayo
Izilipari ezine Lastike
Ikwiliti ezimabalabala (zitengiswa
tshipu)
Ikwiliti ezimhlope zintle
Ikeleko edla 2 d. nge yadi
Iprinti ze 3d. yadi

Zonke ke ezimpahla zezi tshipu ngapezu
koko zaka zakuko e venkileni ka

W. O. CARTER & CO.

Maclean Square,

E-QONCE.

H. S. WAUGH & CO.
THE ARCADE,
QUEEN'S TOWN.

UMZI ontsundu ose Komani, e Hewu, e Skapu, e Kama-
stone, ku Ndlovukazi, kuzipaluka zase Batenjini, na-
kuyo yonke imimandla yeli-pezulu maungatengi nantonina
ungakanga uyokuzanelisa kwimpahla entle kunene netengiswa
ngawona maxabiso apantsi kwa H. S. WAUGH & CO., the
Arcade, e Komani (Queenstown).

Banempahla yentlobo zonke ezaziwayo kumkondo we—

NGUBO ZAMADODA:

Ibhulukwe, Ibhathi, Ibhathi ezinkulu ze-
ngqele nezilula zokuhomba, Isuti, Ihempe,
Iminqwazi, Ikresbhanti, namaqina.

Izihlangu zentlobo zonke.

Impahla Yamaledi:

Ilinzi, Ikeleko, Ikeshmiya, Iprint ziqala kwi-
tiki iyadi.

Ihen setini, Iprinti ezibusetinira zohlobo
olutsha zona.

Kwimpahla eyenziwe ngoboya.

Ikausi zamaledi, nezamadoda, ingubo zangapantsi zentlobo
zonke.

Yonke impahla yokutshata itengwa apa, eseyenziwe, eno
kwenzelwa ofunayo ngexesha elifutshane.

Izambrela zamaledi, Izitezi, I-Gloves zabatshatayo.

I-Lace yentlobo ezininzi Namakaka (Frillings).

Iminqwazi eseyihonjisiwe, ne Bonet.

Impahlana eninzi yamaledi yentlobo zonke.—Intyatyamba
zomtshato Nentsiba, njalo njalo.

Nifikile e Komani buzani kuqala indlu ka

H. S. WAUGH & CO.,

QUEEN'S TOWN.

Gqalasisani Oku.

U Mr R. W. ROSE-INNES, Umteteleli
Ematyaleni, ufudukile kwi Ofisi apa zake
ezise Downing Street, ukwezintsha
ngoku e CATHCART STREET ngako
Messrs. GEO. B. CHRISTIAN & Co.
(Umqatukazi).

qq. R. W. ROSE-INNES.
CHARLES ROSE-INNES.

ILIZWE LA MAMFENGU

IVENKILE E JOJOSI

IVENKILE KA MAVELETSHONA. Ukuba ubuza ukuba yiyipina **IVENKILE ELUNGILEYO** kulo lonke ela Mamfengu, angatenga kuyo konke okunokukankanywa—nemaxabiso angadanisiyo—kuba inika amanani alungileyo Nge zikumba, ngo Boya; nayo yonke into elinywayo. Nge Gusha, na Mahashe, ne Bhokwe ; Ihangu ne Nkuku. Yizani nazo ziyakutengwa ngu **P.H POTTOR**

ELE-SIXHOSA NGU MAVELETSHONA
Nalo icam lako.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

ISIKUMBUZO.]

—U—

JOSEPH J. YATES,

OBEBE ESE BAYI,

Ngumteteleli Ematyaleni, ufeza nemicimbi engemihlaba, nento zonke ezifezwa “nga magqweta.”

IOfISI—Egumbini le **ALEXANDRA ROAD,** ne Downing Street, kula ofisi ibisakuba yeka Mr. Innes.

f36m

ISAZISO

EYESIHLANU intlanganiso yo Nyaka ye “ Heald Town Teachers’ Association” iyakuba se Simnareni e Nxukwebe ngolwesi-Tatu, 31 March, 1886, kuyakwenziwa i Model Lessons, ne Essays, nengxoxo ngemicimbi ye zikolo, i Tea’ Meeting ngokuhlwa ne Concert. **JAS. LIGHTFOOT,** Secretary. Heald Town, March 12, 1886.

ISAZISO

NJENGOKUBA mna ogama libonakala ngapantsi ndashiywa yindoda yam engu **NDWANDWA MAKAPELA** i Bele lakwa Kuboni ngomnyaka we 1877 wati ukumka kwake uya ku ngena ebu Poliseni, unana mhlanja akaka buyi. Ndaye usapo lwake luhleli ngapaudle kommondi. Ndiya mazisa ke ugoka ukuba akenzanga ndlela yokubuya kwa nokondla usapo lwake, ndiya kunyatizeleka ukuba ndiye emtvetweni malunga nendlela yokwa hlulwa ko mtshato. Xa kude kwapela inyanga ezintandatu emva koku.

SOPHIA MAKAPELA. St. Mark’s, 1st March.

Isaziso Kubahambi.

U **GEORGE WILLIAM A. RADASI** wase Mpofo. Uyazisa kubo bonke abahambi ukuba kako i **POST CART** esuka Empofo (Seymour) eya e Bofolo (Fort Beaufort), ibuye ngo Mqgqibelo, yenjenjalo bonke Olwesihlanu ne Mqgqibelo. Ixabiso lishumi linantlanu (15s.) lesheleni ngomntu omnye. Kunokukwela isitatu sabantu kuyo. **J. RADASI.** Seymour, 6 August, 1885.

ISAZISO.

NDIYAZISA kuma lungu e Transkei Teachers’ Association, ukuba iyakuba nge 1st April, Kwalutuli e Mbulu, bonke abanako ukuza baya menywa ukuze babeko.

W. F. BASSI, Secretary.

10th March, 1886.

3131

ABABHUBHILEYO

PELEM.—E Kimberley, ngo 23 March, 1886, u **LYDIA,** Inkosikazi etandekileyo ka **MESHACH PELEM.** Abahlobo mabamkele lombiko.

OBHUBHILEYO.

PELEM.—Ngo Mvulo, 15 March, 1886, e Kimberley kubhubhe u **JAMES,** unyana **MESHACH-UO LYDIA PELEM,** enyanga zi entsuku ezi 11 ubudala. 3131

Abazelweyo.

OTTOMAN.—E Debe, ngo 1 March, 1886, u Mrs. **THOMAS BOTTOMAN** ubeleke’ UNYANA. 3131

ayiseko yona e Kokstad, kodwa upiwe ingxawe. Inxeny yenkomo eyayitinjwe ku Mampondo ibuyiselwe ngomyalelo wemantyi. U Nota ubuyele e Rode. Izitonga zivakele ngakona ngokuhlwa kolwesi-Ne.

IMIPU eyayibiwe kumajoni e Tekwini ifu-nyenwe kumagwangqa amabini Emampodweni. Abanjiwe siteta nje.

KUVAKALA ukuba i Ruluneli iyakuhlala e England inyanga ezintatu ibuye ngapamb 5 kokupela kuka June. Intsapo ayihambi. Oyakumbabela ngu General Torrens.

I **INJINI** yokuqala ingene e Ladysmith e Natal ngolwesi-Bini lweveki engapaya.

U **MR. J. A. HILL** upumile ekubeni lilungu le Palamente lase Barkly West. Kuko inteto yokuba u Mr. Sivewright, M.A.,C.M.G., obesakuba ngumpati wengcingo kweli anga-yitabata indawo leyo, enye yeyokuba ingangu Mr. Paddon.

IFAMA zase Badisi nase Cawa zicele u Ru-lumeni ukuba azipe mantyi yimbi kuno Mr. G. O. Bayne eziti akazilungiseleli kakuhle. usuke waseleyicita yonke i ofisi u Rulumeni wamnika ipenshini u Mr. Bayne. Ayalila ngoku kuba ebengangi angahlutwa imantyi.

NGOLWESI-NE kudilike kakulu umngxuma ekumbiwa kuwo idayimani wangcwaba ama-gwangqa asibhozo nemidaka elishumi lina-mbini.

IBISHOP yase Pretoria ifike e Kapa ngolwe- si-Hlanu kusasa ngomkombe oyi *Mexican.*

U **MR. JUSTICE BUCHANAN,** Ijaji enkulu yase Dayimani itshate no Mrs. Gordon umhlolokazi ka Dr. Gordon ngolwesi-Bini Iwegqitileyo.

INKOSI Umhlangaso ibhalele kwipepa lase Kokstad ivakalisa ukuba Amabhaca eke awuwela Umzimvubu aya Emampodweni naye uyakwenjenjalo.

KUVAKALA ukuba igolide iyanika ngoku e Transvaal.

U **DR. MOOLMAN** obese Somerset East uza kuya kuba ligqira lase Nyara endaweni ka Dr. Rees.

IBE yimigcobo ku Majermeni ase Qonce ngo Mvulo ngokubhwa kuba inkosi yawo u Emporer William engene kumnyaka wama- shumi asitoba. Ahambe izitilata ezikulu epete imililo ebeta igubu. Into entle kune- ne.

INDODA engu Zamandala yase Tyolomnqa imxhome entango umfazi wayo yamtyakatya ngentonga wada wafa. Izimele ngoku.

UTULI luka mbendeni lose mboxo pesheya ko M’bashe.

KUNGOSI esiva ukuba u Rev. James Mti-mukla wakwa Qoboqobo akapilile kauye.

U **TELISO** inkwenkwe yo Mxhosa inikwe yiJaji ikati ezi 25 ngokubeka isikubekiso endleleni ka lolive.

NGUMSEBENZI wetu olusizi namhla ’uku-kuhuza u Mr. Pelem wase Dayimani ngoku- sweleka kwenkosikazi yake izolo. Baninzi abamaziyi abayakulila namhla no Mr. Pelem kwintsizi akuzo. Ngaleveki ipelileyo lo- mhlobo ulahlekwe ngumntwana wake.

EZIFIKE namhla ngocingo zezi:—Ama. mpondo ayitshisile ivenkile ka Mr. Sutton, Etshungwana. Kutunyelwe amapolisa ko- na. Umzi ungenelwe livuso ngenxa yoko. Lifile pakati kwa Mampondo na Mabhaca.

U **RULUMENI** kuvakala ukuba unexhala elikulu ngenxa yokusweleka kwemali.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, MARCH 24,1886.

I RULUNELI.

EKUQALENI ko April u sir **H. ROBINSON,** i Ruluneli yeli letu uyakuk’ ati gxada e England, Imbangi kukungapili. Ixesha lake seliza kupela kakade kuba umelwe kugqiba lonyaka wodwa. Beke kwatiwa angebisabuya, kwada kwavakala ukuba u Sir **C. DILKE** angatabata indawo yake. Oku asikuko- kelwa kuba u Sir **C. DILKE** usepantskwelifu ngenxa yetyala ebelibekwe kuye angazihlambanga kakuhle kulo. Indoda ebisoloko ikankanywa futi ukuba ingatabata indawo ka Sir **H. ROBINSON** ngu Sir **ARTHUR GORDON** ose Ceylon ngoku. Emkile u Sir **H. ROBINSON** i South Afrika iyakuba ilahlekwa yi Ruluneli ekufaneleka kungafaniyo nokwe Ruluneli zamandulo. Ngu Sir **GEORGE GREY** i Ruluneli eyashiya igama lokulunga kweli: u Sir **H. ROBINSON** uyakushiya ’gama elinjalo. Wafika eli loniwe ngu Sir **BARTLE FRERE,** wazama ukulitukulula eloqina ngonyamezelo nengqondo epolileyo. Akacalulanga ati, lo li Ngesi, eli li Bhulu lo Umnyama. Ngoko ke umka engenzakalisanga bani. Imisebenzi yake ibonakala kwinxolazwe yase Transvaal, neyase Lusutu, nela Barolong.

Apa utande ukuba kuhanjiswe ngoxolo. Umka ke into zilungile. Egameni labantsundu siyambulela sisiti wanga angandlela-ntle Umhlekazi. U **Wilson Bangani** ngokugqoboza indlu kwa Buluneli nokuba imali ekwixabiso leponi ka Nomshongo. Umelwe ngu Mr. Blaine. U Mr. C. Malcomess ute umbanjwa ngumntu amtembileyo uminyaka mitatu esicaka sake. Yena uti wayengeko apo ngeloxesha. Ijuri ite akanatyala Wakululwa.

Amanqaku,

KWIVEKI ezintatu iyahlangana i Palamente e Kapa, noko u Rulumeni akakavakalisi nto iyakuxoxwa. Kuyatembisa kodwa ukubona ukuba amalungu e Palamente awayekile ukucebisana nabanyuli bawo. U Mr. Leonard use Tsurini (Outshoorn) namhla kubanyuli bake u Mr. Vintcent uye e George kwabake ; kwangokunjalo u Mr. Rose-Innes uyakuba se Ngqushwa ngemini ezimbalwa, yena u Mr. Hutton seleke wapakati kwabake e Bofolo. Siyakolwa tina yilonto.

U **MR. DYER,** M.L.A., walatise ngocingo u Rulumeni ulonakalo kuye nakubantu ngalintimbo nentengiso yokudla okuselikhaba. Lento yilahleko ku Rulumeni kuba engayifumani yonke imali yake noko atimbileyo ; kubantu kuba bafumane becitelwa into ebhebeya kuzama ngazo zakulunga. Umpatiswa Micimbi Yabantsundu utembise ukuba lonto ayisakuba senziwa. Siyambulela u Mr. Dyer simanga isandla, kwano Rulumeni ngokubuyiya umva. Kodwa abantu mabangayeki bona ukuncipisa ityala lerafu xa banako.

SIVUYA ukubona ukuba sinabo noko abahlobo pakati kwabamhlope abebengavuyiswa ngalama bhenubhentsu. Ngaleveki igqitileyo u Mr. W. G. Cooper wenze lamabala engwe kwelinye lamapepa alapa e Qonce ngawo lomcimbi:—“ Kwintimbo yokudla okuse masimini nempahla yendlu yabantsundu—ngelixa libi kunene—yenye yezinto zodobelelo pantsi ezirazula umbilini pantsi kolulaulo sinalo ngoku, ingum mangaliso ukuba into enje ibe yenziwe nga Makristu akumbulelekileyo anjengo Mr. Sprigg no Mr. Tudhope. Wonke ubani uyazi ukuba yiminyaka emininzi engasafumani nto umntu akulima ngenxa yelanga. Lilona eli ixesha lokuba izi alam ezizindwayi— ebesifanele ukuzikusela—sizihlute amakaba la amatambo, kwane tafile, nezitulo, neblankete ezizingeni, sibahluta ukudla namakaya ngaxesha ’nye?’ Ingxelo ezingoluzo kumafama ziti buncipile ngoku zikoyo nje into abazisa pa- ntsi kwempumlo abantu. Asiyiyi mposiso inkulu na ukuba u Rulumeni abenze amasela abantu abantsundn. Ndiyatamba ukuba nakuba ababantu benezipaku, amapepa akasakuyeka ukumbonisa u Rulumeni inkatazo ebangwa zizenzo ezingabonisi zabantu nabuKristu ezinjengezi.”

NGENXA yobuninzi bamatyala atetwa yi Jaji kwezase Mpumalanga izitili u Mr. Rose-Innes, M.L.A., akabanga nako ukutyelela e Ngqushwa ekuqaleni ko March seleya kwenjenjeya ngeveki yokuqala ku April. Ekuyakuti kuba elituba liyakuba selinyatelana nokuhlangana kwe Palamente angabi nakufikelela e Batenjini njengokuba ebemeyiwe nga Mahala. Mauzilungiselele iveki yokuqala ku April ke umzi ontsundu wase Ngqushwa.

IJAJI E QONCE.

U *Charles Henry* wakwa Zidenge ngobusela benkab’ ezisibhozo zika Swaartbooy wakwa Zidenge apo, nezinye ezintatu zika Jan. Billy wase Ngantosi ngokunjalo. Ezinkabi wayeziqeshile intsuku ezintatu, utshilo u Swaartbooy, usuke wabuya namhini. Kuvakele ukuba uziqeshisile, ezizibize walile nazo u Attwell ezizishiywe kuye. U Jan Billy ute ezake ezabuyanga zonke wayekwaziqeshile. U Sikutshwana wase Tyume ute ezinkabi ziza nescicka sake u Charles Henry neliti uzanane ngokudla. Ijaji ite maze azinike abaninizo inkomo ezo. Ute akuti u Sikutshwana lendoda imsekivelti senkomo ezi 25 yati Ijaji akunakuhlalulwa ngezabanye inkomo. Ijuri ite umbanjwa unetyala, ite Ijaji icinga ukuba ngu Mr. Attwell onqande ukuba inkomo ezo zingabuyiselwa kubaninizo. Isigwebu zinyanga ezintatu etolongweni.

U *France Prince* ngokubeta omnye u R. W. King ngamanqindi ate al awa wamfunza ngenziya ezisuke zasezizimela iswili kaloko. Umbanjwa umelwe ngu Mr. Guering. Inkomo zika Mr. King zangena emasimini ka Prince, wambatala 2s. 6d. noko engakolwa kuba engayibonanga indleko. U King ute akubiyanga waselesilwa umbanj wa, wambeta ngenqindi ewile umfunze ngezinja, akayeka ukumbeta naxa zindlayo izinja. Zimenze amanaxe asibhozo. Ubalekile u King yasukela inkewu. Ijuri imfumene enetyala, watiwa nka nge £20 okanye inyanga zontatu etolongweni.

U **Wilson Bangani** ngokugqoboza indlu kwa Buluneli nokuba imali ekwixabiso leponi ka Nomshongo. Umelwe ngu Mr. Blaine. U Mr. C. Malcomess ute umbanjwa ngumntu amtembileyo uminyaka mitatu esicaka sake. Yena uti wayengeko apo ngeloxesha. Ijuri ite akanatyala Wakululwa. U *Dangazela Gidi. Booy Tshona, Skeyi Bakamba, Zimeli Nozimba, Ndabi Qaba, John Xasana, Ngolo Tyata no Kepe Tyata* ngokuba inkomo ezintlanu zika Nel iqakamba lase Gqnnubebazisa eNxaruni. U Mr Frames umele u Dangazele Gidi no Tyata, no Kepe Tyata tyata bobabini ibingampolisa. U Mr. Solomon umele u Booy Tshona no Zimeli Nozimba. Abanye ababanga nagqweta. Kuze kutengiswa izikumba ezibini kwa Nyuweni, ote akurana wabiza amapolisa. Ate wona afumana itsili lamasela e Nxaruni kwifama ka Mr. Page, kwanenxeny yenkomo zika Mr. Nel nomgubo. amangqina ababanjwa asuka avuba ukuteta yada Ijaji yati mawabanjwe ngetyala lokufungela ubuxoki. Ngelituba akubangako bungqina ngaku Dangazele Gidi Ndabi Qaba, John Xosana, no Kepe tyata, bakululwa wako. Abantu ababanjwe ngobuxoki ngu Jonkis no Nkwali Tshona. Ubungqina obungo Zimeli no Ngolo buncinane bobokuba bakufupi ne tsili elo. Inyaniso ngo Booy no Skeyi zicacile ngabo abatengisa izikumba behlala ndawonye kanjako. Ijuri ibafumene bengenatyala o Zimeli no Ngolo bakululwa. Ijaji ibandulule ababanjwa abandatatu ngeliti beberaneleka nzima, kodwa azanеле inyaniso zecala le Nkosazana. U Booy no Skeyi bayakubuyisela 20, zebabe minyakambibini etolongweni. Ijaji ibuye. yawakulula amakwenkwe lawa ebabanjwe ngobuxoki; yati maze ayalwe goyise.

U *Jim Bantlow, John Mbinambina, no Tom Stulmana* base Qonce apa ngokugqo- boza ivenkile ka Ngomti, ne ofisi nevenkile ka Hicky, beba nenkuku bagqoba zenkanti basela nendyulwa. Ubungqina bube bobumhlope. Ijaji yabati nka ngeminyaka emihlanu.

AWOKUBULALA.

Ngolwesi-Tatu Ijaji ingene kwawokubulala. Iqale ngelika *Ntoyaba* ngoku- bulala u Komani kwa Bomvana. Umelwe ngu Mr. Guering ote lomntu ubeselegwetyelwe ukufa yimantyi enkulu yase Batenjini, u Meja. Kuxoxwe ngamagqweta indawo yokuba u Meja unalona igunya lokugwebela ekufeni. Ite Ijaji lendawo mayiyekelwe e ofisi yejaji ezili- qela. Wabuyiselwa kwase ntangeni u Noyaba.

U *Ketani* ngokubulala u Debeza Godlo kwa Centane. Umbanjwa umelwe ngu Mr. Tamplin. Umfazi woifni u Godlo uve umntu ememeza ngati use zintlungwini, ngokuhlwa akapuma. Kuba indoda yake ebuye kutenga inyama ingabuyanga. Ifuniwe, isisumbu safunyanwa emva kwendlu ka Jacob, wayeke ebesongelwe nge Cawa engapambili ngu Jacob nenye indoda, akwala ukuya kunika ubungqina ngenkomo. Ifa indoda iyakutenga inyama kumzi eyayidlula ko- ka Jacob noka Ketani xa iya kuwo. Inombi yomfi ite ive kuko isimemezo esiti: “Ndiyabulawa, bati ndilisele.” Ayipumanga; kusile uyile nonina ku Ketani ote akakanga wambona. Ngu Ketani owayemsongele. U Jacob ubengoko kwiqela labafunayo. U Ngeayiya elinye ingunya lite isikalok siivakele ngakwa Jacob. Ufunile kusasa akakangela nkondo kuba yabisina ubungasa kubasabonakala. Elinye ingqina lite libizwe umkosi wamasela kwasingwa ezizweni. Izwi ibilelika Ketani. Enjenjalo namanye amangqina. Umntu lowo uhlatywe ngomkonfo, ingenguwo yimela. UMr. Tamplin ute ezonyaniso azinamsebenzi xa ungeko umkonto. Ute akuko nto ezinyanisenwi engabanga ukuba abekwe ityala u Ketani. Ute makangagwetyelwa ngokuranclwa u Ketani. Ngekubeko inyamke ekulilungiseleleni ityala. Impahla yombanjwa ifunyenwe njengoko injalo emva kokubulawa” kuka Godlo, akayifihlanga. Ijaji ite elityala lilungiselelwe kakubi ngendawo yokuba kungeko migudu yokuzipendla ivyaniso. Ijuri imfumene engenatyala. Wakululwa isiti Ijaji inosizi ukuba inkatalo inga- bangako yokulipicota ityala.

U *Eleni, u Ntozake no Poncy* ngokubulala u Pauti kwesika Smith Poswa e Qora. U Eleni ute ngu Poni owambulalayo umntu. Bamelwe ngu Mr. Blaine. Inyaniso zelityala zavakaliswa kwi *Mvo* mhla- mnene. Kungqine umfazi ka Pauti no Mr. Smith Poswa isibonda mayelana nokubamba amadoda lawo, kwano Mr. Richard Poswa. Ababanjwa badizwe ngu Kafile owaye ngomnye wamadoda ambulalayo u Pauti. Ba’uinyenwe benetyala ngobungqina obumhlope. U Eleni ute u Poni selelivumile ityala. U Ntozake ngu Poni obuleleyo. U Poni ute yingozi. Ijaji ite nimhlutile ubom bake lomntu natii obenu buyakuhlutwa. Ibagwebele ukuba baxhonywe.

U *Ntsombo no Ntloyiya,* base Ntshatshongo ngokubulala u Yawa wakwa Stata. Bamelwe ngu Mr. Blaine. Unyana womfi ute uyise wayeye kulanda umkonto akabisabuya. Umfunile watyelwa ngabatile wawufumana umzimba ungewatyiwe. Uye kwa Ntsombo wabona impau zegazi, wafumana irtloko zegusha zoyise ezibiweyo. Ubone neblankete yoyise kwalapo isemngxunyeni. U Ntsombo ute simbulele kuba esifumene sibile, ndimbinze esifubeni ngomkonto. Isibonda site lamadoda alivuma ityala. Imantyi u Nofeliti ingqine malungana nohlobo ewufuniene ululo umzimba. Ushunqulwe emadolweui nomqala unqunyulwe, kuko namanye amanaxe. Ngati wenjjenjalo sefefile umntu. U Ntsombo ute edwe, wabulawa ndim. U Ntloyiya akubalawanga ndim kodwa ute ubawo mandimncedise ekuwufihleni ndala. Andimdivanga kuba ndisoyika ingubawo. Igqweta lite ukubhekisa kwi juri akubo bungqina ngaku Ntloyiya. Ufunyenwe enetyala u Ntsombo u Ntloyiya engenalolo. Ugwetyelwe ukuxhonywa.

U *Mlenzana no Richard* ngokubulala u Zenzile wase Qwaninga kwakwa Gcaleka. Bamelwe ngu Mr. Frames. Ubulelwe u Zenzile kuba ebepikele uku “metsha” nentombi ka Mlenzana kungavnywa, uhlatywe ezigqubutele ngangubonye nentombi. U Richard ngunyana ka Mlenzana uncedise ekukutshwenikomzimba. Ite Ijaji elike ityala asililo angaxhonywa ngalo umntu kuba kuko imbangi. Livumile igqweta le Nkosazana. Akubangako bungqina ngo Richard. Limiswe njalo ityala zi juri; ukululwe u Richard, wagwetyelwa kwintimbi ngomntu u Mlenzana.

Ezababhaleli

U *Thomas Ryan* ngokubulala umfazi wake e Kokstad. Umelwe ngu Mr. A . Sampson ote elityala lisand’ ukuhla mali- lindlele ixesha elizayo.

Kungenwe kwimpambano zabantu ezinkulu kuzo ibe zezo Ellis no Sheehan bemangalele u Mr. G. B. Christian (Umqatukazi) ngokusukule ale ukubabhatala imali ngenkomo ezazitengwe ngumntu oweneykile igunya ngu Mr. Christian emse tetweni walamadoda mabini. Yena Umqatukazi uti wayengamkanga ngunya lomini. Indoda leyo ebtinga ngu Mr. Frisby. Ondimangele bamelwe ngu Mr. Solomon no Mr. Frames. U Mr Christian umelwe ngu Mr. Maasdorp no Mr Brown. Kugwetyelwe ondimangele. kubeko namanye amabini empambano zamagwangqa.

ENDALA EYALA IKABA.

Douglas, 6 March 1886.

MHLELI we *Mvo* kaunditele gxwa lemigca kwelopepa lohlanga lweilizwe

Nanzi indawana endinga ndingazaneka kwikaba lakowetu.

Ngxatshoke nto zakowetu! Namhla kubonakalise ngelipetshana kutiwa yi *Mvo* ukuba asililo bala esinalo elisendleleni ukuba singabi yinto eziyiyo namhala kutiwa ezinye izizwe, asililo nelizwe eli esikulo njengokubata nati beseside safuna ukuloko- liswa yileyo nteto yokuba omnyama we-

	MARCH 24, 1886	

lilizwe usidenge semveli. Namhla ngempau ezininzi, naupi uyaqonda ukuba imbangi lixesha lokufika kokukanya namalungu okulimba ngokuzelayo lakufika Kengoko ndingati: Huntshu! Asililo ibala; abasatshoyo sebebhonga emswaneni, zikutyilile oko into zakowetu eke zati tu emfundweni iminana enye zabona ukuti ngu A lo, ngu B lo, zeyiswe ngokuswela amandla okuzityalela kwapakati amagumbi emfundo. Akunanto nto zakowetu, kubonakele okusezintlokweni zosapo olumnyama, ewe, nditi olumnyama. Yinto embi mna kum, xa ndimana ndisiva ontsundu, abantsundu, ngati siyaloyika eligama lokuti abamnyama. Ewe, simnyama, mabatsho nabo batandayo ukuti into emnyama, nokuba kungayipina inteto, bade badinwe.

2. Namhla ke kaba lenqwelo yosapo lwelilizwe ibhexeshwa nini, kunjalonje niselusapo, niyazibona izixobo, nanaawa, nemigxobezo, njalo-njalo, indlela ecanda kuzo ekuhanjwa kuyo zizo zonke intlanga zomhlaba, ezitanda ukufuduka ematuzinini obudenge, zikumbule kumatafa okukanya, eziyakuti zakufika kuwo kungabiko kunceda, kupela ukuba kutiwe luhlanga ole. Ukutsho amaxeko angaba aseko kowenu ate tu kufikwe kwintaba namhla angenakuposa nelimdaka eli ilizwi. Ninodwa ke ngoko, kaba lakowetu, akuko xego liti, lomfana kanantsi liyilo, lo akakwazi kuteta, sibhoxi, njalo-njalo Yibani ngamaxego ke into yokuqala n be nliqondile, eligama kutiwa yimbumba yamanyama, eyesibini nililumkele igwebu lobufana elifane lipupume kanti kuza konakala izinto, eyesitatu, niqonde kuhle ukuba ahihlangani ngakwele lokufunwa nobuciko bokwazi amazwi. obungavezi luncedo eluhlangeni. Enye into ngamakosazana namakosikazi endikumbula mna ndizokuti alikabi lixesha lokuba babe komba ezintlanganisweni zenu. Zininzi endingazivelisayo izizatu, ixenye yazo zezi: situhlanga lokuhlala sigqiba ngentonga apo sukuba sihlangene kona, imbangi zinkani, ati umntu abenentloni ukuvuma ukuba uposisile, nokuba hayi weyiswe ngokanantsi, afane anyanzele ngenkani, kanti imbangi yoko zinzwakazi ezi zipulapulayo, selenga angati jwi kunokuba ahlaz'ke ngenxa yokoyiswa vintwana ka Sibanzashe abeyigqita nase sikolweni; suke mhlaimbi intlangamiso izale nto yimbi eyakubanga ingozi kumalungu ayo, mhlamubi kumzi wonke ontsundu. Kodwa ke lendawo ndiyishiya kuni, mini eningaviqonda kuhle, kuba kusekuyiminyaka emininzi ndalishiyayo elo ndeza kulamacala.

Enye into ngalamagama amadodana abekele kangaka, lungisani amagama oyihlo, asekaya aziwe nento ayitetayo. Ivandicubula mna lento yokuti amadodana atweleni ilizwe lakowawo, asuke ngati senentloni ngamagama oyise, enteto yakowawo; kaukangele amadodana awanjengo I. Wauchope. Yinke leyo, no J. Moss, iyimike kanjalo leyo. O. Mosisi, yimike leyo, nabanye. Ndiibuzo ngenteto yakuti lamagama ngawamadoda onke ekubonakala ukuba abaniniwo bandawonye nekaba elitanda lukhanyisele uhlanga lwakowawo. Kengoko emele ukuhlala amagama awo nakwezizayo izizukulwana. Mandipele ngeliti: nibebanye nivelane, nixolelane, nitwalane ninyamezelane, nifihlane amahlaz'. Ngako ninake ukwenza ezizinto kaba lohlanga ezinye zozenza zona izinto.

Ndidgabadele nkosi yam; uze uhluze ukubhala kwegxeko ungafaki izinto ezingentlo, ndiyatshonela ngeliti: Huku ke ntozakowetu, nilumkele ukuzenzakalisa, nokwenzakalisa abanye.

Nnim VAZIDLUDE.

	INGCUKA ELUSWINI LWEGUSHA.	
	Kwi <i>Mvo</i> ze 24 ka February “Emanqakwini” ndifunde indawo ebhalwe ngu Sibarti Matla—apo ati ubika usizi abanalo apa e Colesberg ngokufakwa kwetishala yabo entolongweni. Uti xa azisa uninzi ati “impilo ayiko kubo,” ngenxa yomzalwana lowo usentangeni. Atsho ati “wamangalelwa ngabazali bomntwana.” Mhleli lento isimangalisile kanye tina apa, lento yokuba u Sibarti Matla ayifake agqibe itishala entolongweni, ize ibe kwanguye oti unosizi. Kauve nawe Mhleli, isimanga, ngoku umangalela umantyi, uti “lemantyi yase kayapa umntu omyama ayifuni nokuba apendule nokupendula.” Ubenanina u Sibarti akuti nguye lo ufake utishala entolongweni, ngenxa yokusa komntwana wake, Tina lento site sakuyibona sati akenziwe luzizi kodwa wenziwe luvuyo lomfo.	

Lento Mhleli silupikisayo oludaba senziwa kukuba u Matla lo sateta naye ngokwetu nguye owati kuthi sakuba sisiwa kuye ngamadolo sisi to lento yinto yase ramenteni makangayi ematyaleni, wati yena ufuna iye kona; saba ngambonisa isivo soka Dlakiya waba lukuni. Namhla uti sakumva tina, mantyi uligwebelena kakuhle ityala lam? Utinina oka Matla ukuti umantyi akwenza into kaloku abeyifuna abuye naye am‘mangalele ngokungawakngeli amatyala abantsundu kakuhle, into enje yena u Mr. Tweed uyitini? kuba u Sibarti um‘mangalele ngelityala ngokuti ufane wangweba utishala engenatyala, lomntu kambe utshoyo ngumzali womntwana. Kambe sekuko nelizwi elipuma kuye u Mr. Tweed ati ngoku, unosizi ukuba eligwebe ngalendlela elityala.

Umzi ontsundu nomhlope wenzakala kunene yivo lento, enangoku intliziyo zabantu zisembi. Singavuya kute kwenzeka enye inguqulo yesisigwebo, ngokuba simazi u Sibarti ukhahlali akakwazi nokufunda; masiti umbhaleli wake aka-mbhalelanga kakuhle kusinina betu. Lento umntu iyavenza into imbi ize ingabinazo intloni—hai, ubudenge into imbi

Ndim NGONYAMA.
[Enye incwadi ekwa ngalomcimbi we titshala yase Kolesberg asiyingenisi. Inteto yayo ayinanto yahlukileyo kule. —EDITOR *Imvo.*]

	KUFUNEKA 42,459.	

[NGU REV. JAMES MILA.]
Ndincede nyana wase luhlangeni undifakele lamazwana ambalwa kwelopepa lamatshawe ase Afrika. Akwababa ngalo- nyaka ayakuba ngamawaku amashumi mane, anamawaka mabini namakulu mane namashumi mahlanu netoba (42,459) abatata kutsha ipopa lendaba ukwanzesela kwelipambili inani. [Amen, Amen, Amen.—EDITOR *Imvo.*]
Ndiyakolwa ukuba elilizwe lakwa Xhosa belyakuza-

la zintsikelelo; kungaba kanene kukona abangekaqondi ukuba ipepa eli lukanyiso lwezizwe ezintsundu? Umntu ongalityayo nakuba efundile bonke ubulumko bezizwe ezinemfundo, nditi mna kuwe mhlobo wam akukagqibi ukufunda, okuya ungalityayo ipepa labantsundu! Kungumangaliso kum ukuti kanti ndingazinje kuko nabafundisi abangekalinoneleli kwanododana lwabantsundu; bapile njanina abo bantu? Umntu omhlope nelizwe labo limi ngamapepa, indaba azitintelwa nayimfazwe mfuluncandini nakuzala kwemilambo, kufunwa onke amaqhinga okuba indaba zingatinteleki, umqubi posi unetyala elibele nazo. Mabandla antsundu, taruni, malitawe ngalomanani ndiwabhalileyo. Obubulumko nalamandla akoyo kwabamhlope bungakona belilahlile ipepa lendaba ? Asisayi kuba ngamahlwempu zinzwana nenzwaka-zi; lo ubhala lamazwana akafundanga kodwa ndikangele ubugugu bepepa kwabamhlope, ndabona ukuba yinto yokunonelelwa ngabantu abafuna ukukanya.

[Lamazwi ayinyaniso enkulu. Ukuze oku kutetwa sesi sicaka Sophezunkonke kwenzeke, wonke otabata *Imvo* makabe ngumvangeli wayo—atumele abafuni kule ofisi.—EDITOR *Imvo.*]

	ABALIMI NA BARWEBI.	
	E-MARKENI.	
	E Qonce uboya bubamba kwi 2d.	
	[ne 4d. ngepentu	

E QONCE (March 23).
Ibotolo, 7Ed. to 1/9 ngepentu
Amaqanda, 11. to 1/1 ngedazini
Ihabile, 1/2 to 2/11 ngekulu
Imbewu, 3/ngekulu
Irasi eluhlaza, Id. ngekulu
Itapile, 2/ to 3/7 ngenxowa
Umbona, 2/1 to 3/ ngekulu
Irasi, 1/8 to 3/6 ngekulu
Inkuku, 1/1 to 1/3 inye
Amadada, 1/8 to 1/9 lilinye
Ibrani, 1/ to 2/6 ngekulu
Amatanga, 1/4- to 4/ ngedazini
Umgubo, 7/ to 9/9 ngenxowa
Inkuni, 4/ to 20/ ngefllara

E KOMANI (March 22).
Amazimba, 6/ to 7/6 ngekulu
Umbona, 3/6 to 4/ ngekulu
Irasi, 6/ to 7/ ngenxowa
